

# SAGES



# SAGEV

## **Inkcazelo sezigulane ezizokwenziwa uhlolo lwamathumbu amakhulu**

Ugqirha wakho ucele okokuba umphakathi wamathumbu akho amakhulu ahlolwe ngokusebenzisa umbhobho omde ogobekayo ukwenzela azokuqonda isigulo esikhoyo kuwo okokubasikhona.

Amalungiselelo angqongqo abalulekileyo xa kuzokwenziwa oluhlolo. Amathumbu amakhulu kufuneke acoceke angabinakutya ukwenzela ugqirha azokwazi ukwenza uhlolo olwanelisekileyo. Amalungiselelo anyanzelisa okokuba isigulane sitye ukutya okungamanzi usuku lubelunye phambi koluhlolo. Oku kwenziwa ngokusebenzisa iyeza lokuhambisa isisu ekuthiwa yiGolytey iqhele ukusebenzisa kangangelitha ezine xa ucoca amathumbu amakhulu phambi koluhlolo, amanye amalungiselelo angenziwa ngugqirha wakho. Ngezizathu zokoyika nolothuka izigulane ezininzi zinikwa imithomalalisi ngqondo Idormicum nepethidine emthanjeni xa kusenziwa uhlolo, kwakhona ugqirha angasebenzisa elinye iyeza okanye awadibanise. Buza yena uzokucacisela. Lamayeza awazukulalisa koko azokwenza uthomalale kuzokuphela nokoyika. (Bona “conscious sedation” Yonke into ofuna ukuyazi) Okokuba uke wangaphatheki kakuhle ngenxa yamayeza ngaphambili xeleda ugqirha phambi kokuba akunike wona.

Oluhlolo lwenziwa isigulane silele ngecala lasekhohlo kwitafle yokuhlola. Impundu ziye ziqatywe iyeza lokuthambisa ukwenzela umbhobho wokuhlola uzokungena lulangasemva. Ibalulekile okokuba ugqirha avuthele umoya ukwenzela azoluhlolisisa lula. Oku kungakwenza uzive isisu sigcwele okanye siqunjelwe. Okokuba uziva unyanzelekile okokuba lomoya uwukhuphe, kuvumelekile oko ngaphambi kokuba ugqirha akakuvumeli. Amathumbu angamajiko-jiko. Xa lombhobho udlula kwezinye indawo ezijikayo emathunjini ungenza imvakalelo yokuqhineka kwesisu. Okukuqhineka kwesisu kubangcono xa lombhobho udlulile kwindawo ezijikayo. Oluhlolo luthatha ixesha eliyimizuzu eliyishumi elinantanu ukuyotsho kwiye. Okokuba iipilyps kunyanzelekile okokuba zikhutshwe, oku kungathatha ixesha elide. (iipolyps zizikhulela ezingenabungozi kodwa ezinamathuba okuba ngumhlaza). Umongikazi uncedisana nogqirha ekujongeni imeko yesigulane. Xa uhlolo lugqityiwe, uzakucelwa uphume ixesha eliyiyure okanye ezimbini kwigumbi lokuphumelela kude kuhle amandla iyeza obulinikiwe nomoya obufakwe ngemva ude uphume.

Iipolyps zisuswa ngokuqala uzifumane ngombhobho wokuhlola emveni koko uzibophelele ngecingo esikhondweni sazo. Umbane okwelicingo uye usetyenziswe ukuqhawula lepolyp esikhondweni. Lombane usetyenziswayo awuzukuvisa zintlungu. Lepolyp iye ikhutshwe ngokuyifunxa ngomtshini wokufunxa. Ipolyp nalomtshini zizizikhutshwe zombini. Xa ngaba zikhona ezinye iipolyp kubalulekile okokuba umtshini wokufunxa uphinde ufakwe azokukhupha ezinye iipolyps.

## **Kukho ubungozi obuthile kulomgaqo**

Kukho amathuba amancinci okugqabhuka okanye kuvuleke iminxunya emathunjini. Okokuba oku kekekwenzeka uqhahqo luyanyanzeleka ukwenzela kuzokulungiswa lomonakalo.

Ukulandela ukukhutshwa kwepolyp, kukho amathuba amancinci okopha. Oku ungaziphelela ngokwakho, okanye kufuna ukuhlolwa kwakhona okanye Ngamaxesha ambalwa kufuneka uqhahqo. Ukunikezelwa ngegazi kungafuneka.

IX-ray ingasetyenziswa xa kusenziwa oluhlolo koko kubalulekile okokuba ubaxebele ogqirha xa ekhona amathuba okuba ukhulelwe.

Kubalulekile okokuba udibane nogqirha xa kukho ukungaphatheki kakuhle emva Kwalomgaqo. Ugqirha uzakufuna ukukubona ezakuhlola engaphozisanga maseko ukuba Kukho imibuzo onayo, uyacelwa okokuba ubuze ugqirha.